**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**INQANABA ELIPHEZULU**
**(Iphepha Lokuqala)**

# Possible Answers Supp 2007

ICANDELO A
**UMBUZO 1**

1.1 1.1.1 NguXhathisa
NguTshawe
Yinkosana (3)

1.1.2 Hayi (1)
Olu ke lolu lumpompo ingavalwayo, ungafika luthe nta imixhadi luyuca indoda, lubhodla izabhongo zamazwi nangentwana engephi. (2)

1.1.3 Ukuba indoda yayo ithe yacaphuka yamngxolisa, inkosikazi ibiba ngathi inikwe ixilongo, ithethe yophele. (1)

1.1.4 Indlela akhule ngayo ekhaya
Lufuzo
Sisandla somondli
Ziimeko ezimbi aqhunyiselwe ngazo / zizo umntwana ekukhuleni kwakhe. (4)

1.1.5 WayengumDikoni. (1)

1.1.6 Wayekhuthele, engapheli naphaya kwaMfundisi uKhandilitye. (1)

1.1.7 Umfundisi wayephawula ingxolo esekude eyenziwa kukurhwixana kwabo. (1)

1.1.8 uMamXesibe wesuka efuthekile ngumsindo waya kwamfundisi. (1)

1.1.9 Ubesele elinganiswa nazizinja zelali. (1)

1.1.10 Kwakusithiwa uyatshayelela umfazi wakomkhulu. (1)

1.1.11 Waya kwamfundisi uKhandilitye ukuya kuxela imeko yomzi wakhe. (1)

1.1.12 Wesuka uMamXesibe efuthekile ngumsindo waya ebhabha kwamfundisi uKhandilitye. (1)

1.1.13 a) Wamangaliswa kukuba umfundisi athethe ngeyeza angamnceda ngalo engumfo wakwaThixo. (1)

b) Wayesithi mhlawumbi umfundisi wafumana ulwazi ezintlangeni zaseNtla awayesebenza ngaphantsi kwazo. (1)

c) Mhlawumbi njengamntu wasebuTshaweni wayesazi magqatyana athile okunyanga. (1)

1.2 1.2.1 Impompo engavalwayo > ukuthetha ungayeki ngathi uyifunda encwadini intetho yakho, ukuthetha kakhulu ngathi akuphefumli.

1.2.2 Lubhodla izabhongo zamazwi > amazwi abolileyo / alumezayo / amabi.

1.2.3 Ukusika > Ukuyekiswa icawe okwexesha elithile.

1.2.4 Amehlo enkomo > Amehlo amakhulu.

1.2.5 Ukudlisa > Ukugalelela ityhefu ekutyeni ngenjongo yokubulala.

1.2.6 Ukugqobhoka > Ukuguqulwa lilizwi likaThixo ungene icawe.

1.2.7 Ukunkula > Ukubetha kakhulu / ukubhula into ngokungenalusini.

1.2.8 Lihanahanisa elinkone > Ukuzenzisa okukhulu / Liqothaqikili.

1x8= (8)

**[30]**

ICANDELO B

**UMBUZO 2**

2.1 Amakhwenkwe aqhubana ukuya kuba iidiliya kwaLutho. Alalelwa engazi. Angenile emyezweni, uLutho uzivalele ekoyini yawo ebumnyameni. Akubuya, eva ngelizwi elababuza imvelaphi. Kube ngumbhodamo luloyiko. Wawatywatyusha ngemvubu, wawashiya enkone yimivumbo. ULutho wayandlala intlungu kubahlali. Esachaza, amanye amakhwenkwe nabafana bazidwabela sebesenzela nabachazelwa, babhubhisa.

[40 Amagama]

Indlela yokuphononongа:
Inani = 2
Intsingiselo = 2
Iingongoma = 6
Ewonke = 10 **(10)**

ICANDELO C

**UMBUZO 3**

3.1 3.1.1

| **Iziphawuli** | **Izivakalisi** |
|---|---|
| (i) -mbi | Andizithandi izinto ezimbi osoloko uzenza kum. |
| (ii) -emine | iminqwazi emine igugile. |

(4)

3.1.2

| **Ixesha** | **Isenzi** | **Isivakalisi** |
|---|---|---|
| Elidlulileyo | Sivile | Sivile ukuba uphumelele kwiimviwo zakho. |
| Elangoku | Siyeva / siva | Siyeva ke ntombi yam ngale yokuba uyenda. Siva ngoku ukuba siyafuneka entlanganisweni. |

(4)

3.1.3

| **Isilabalabi** | **Isifezekisi** |
|---|---|
| Kude | Kwee tyapha |
| Ngokusuka | Ugcagce |
| Zange | Sonwabe |
| Nifane | Nenze |

**NaZiphi ezibini** (4)

3.1.4

| | |
|---|---|
| Kuloo mzana<br>Andidlanga nto | Emva kwesimelabizo sokwalatha<br>Emva kwesilanduli |
| Loo nto | Emva kwesimelabizo sokwalatha |
| Lo mntwana | Emva kwesimelabizo sokwalatha |
| Walaa mfana | Emva kwesimelabizo sokwalatha |
| Kule lali | Emva kwesimelabizo sokwalatha |
| Le mihla | Emva kwesimelabizo sokwalatha |

**NaZiphi ezibini** (6)

## UMBUZO 4

4.1

| Iqhalo | Isivakalisi |
|---|---|
| Udikwe yeyokosa | Uthi akasoze aliphinde ibanga leshumi, kuba udikwe yeyokosa. |
| Usadla amazimba | Bangxamele ilifa ukanti uyise usadla amazimba ungumqabaqaba. |

(4)

4.2

| Isifakekisozwi | Isivakalisi |
|---|---|
| Gxuphu | Usuke wathi gxuphu entweni engamfuniyo oku kwempukane emasini. |

(2)

## UMBUZO 5

5.1

| Igama | Ihlelo | Isibizo |
|---|---|---|
| Mntwana | 7 | Isintwana |
| | 14 | Ubuntwana |
| Umfazi | 7 | Isifazi |
| | 14 | Ubufazi |

(4)

5.1.1 Izivakalisi

Kwowu! Uyenze <u>isintwana</u> le nto, ngowungamxelelanga ngalo mphanga.

<u>Ubuntwana</u> bukwenzisa izinto ongaziqondiyo, phofu useza kukhula.

Uncede uwuqhube <u>isifazi</u> lo mcimbi ukuze amadoda awamkele.

<u>Ubufazi</u> bakhe buyabonakala, uninazala utsho waphuma ibala kukondliwa. (4)

5.2

| Isibanjalo | Isivakalisi |
|---|---|
| Nguye | Nangona ebephika xa sifika kwasibonda kuye kwacaca ukuba nguye isela. |
| Unethamsanqa | Akabanjwanga ngoku sele ebhaqiwe , kwowu! Unethamsanqa ngathi usebenzisa ubuthi. |

(4)

5.3

| Isimelabizo | Isivakalisi |
|---|---|
| Mna | Andikuthandi mna ukuhlala ndisexhaleni ngenxa yokungathembakali ebantwini. |
| Yonke | Yonke imali endinayo ndiyinikela kuThixo ukuze andisikelele. |

(4)

**(40)**

**UMBUZO 6**

6.1
- Ndankqonkqoza
- Emnyango
- Ngeliso
- Ngesandla
- Ewutya
- Enetyala
- Uxolo
- Ngumnikazi
- Wentsimi
- Ngeyona ndlela 1x10= (10)

6.2 Ngeli xesha kwakuse kuthe wayi-wayi abamelwane bakaMzamo beze kubona ezi ndwendwe, bekwancwase nezinto eziwayo. Ilala lalise liphoswe entloko ngamaTolo. Kwabonakala ke ukuba umninimzi makabuye aqhwethe umfazi baye endlwini. Wavela emnyango uMzamo, wakhwaza abafana ababini. Baphuma ke bephethe iintshulantshula ezintathu. Bazibeka phambi kwebandla. Wathabatha phantsi umninimzi ukulandula. 20÷2= (10)

**[60]**

**100**